

Februwari
2011

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445
24 Hour Emergency Fire Brigade		028 313 8000/8111 028 312 2400

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e - Bhunga le Overstrand esesikweni

UMLINGANISELO WAMANZI UBONISA UKUBA KUKHO INTSEBENZISWANO

IIMVULA EZINTLE ESIZIFUMENEYO AZANELANGA EKUGXOTHENI IMBALELA

Kubonakala ngathi abahlali kwakunye neendwendwe ebezise kwiHermanus eNkudlwana baye balixhasa ngezandla ezingenamikhinkqi iphulo lokonga amanzi likaMasipala wase-Overstrand ngoDisemba.

NgoDisemba, umlinganiselo wedama iDe Bos uhle ngesi-3 ekhulwini kuphela xa kuthelekiswa nokuhla nge-11 ekhulwini ngoDisemba wama-2009. Lo mahluko uphawulekayo singathi ubangelwe yimozulu entle, ukusetyenziswa kwemingxuma eyembiweyo njengemithombo eyongezelekileyo kwakunye nefuthe lemiqathango yokonga amanzi.

Xa ebesenza ilizwi lombulelo kuye wonk' ubani obenegalelo kwezi ziphumo zihle, uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie uthe uthembele ngenkxaso engatshitshiyo yaye uzimisele ukuzisa isiqabu ngokukhawuleza nje isakube imeko yamanzi ibuyele esiqheleni.

Unyaka omtsha usamkele ngomvumbi wemvula othe wanyakamisa umhlaba. NgoMvulo umhla wesi-3 kuJanuwari wama-2011 kurekhodwe imvula elinganisela kuma-25 mm kwii-ofisi zikamasipala eHermanus yaye le mvula ilandela engama-35.5 mm iyonke erekhodwe ngoDisemba wama-2010.

Ngelishwa ke noko ayibanga nafuthe liitheni kwidama iDe Bos ngenxa yento yokuba aliqela amadama axhomekeke kuMlambo i-Onrus lento yokuba ukususela kwimbalela, umhlaba awukafumi ngokwaneleyo.

Ngokutsho kukaMnu. uRian Rust, ogcina iingxelo ezisexsheni malunga neemvula kwii-ofisi zikamasipala, umlingaselo wama-498 mm ngowama-2010 unga-phantsi kakhulu kumlinganiselo weemvula wama-640 mm ngonyaka, kodwa naxa kunjalo mkhulu kunama-494.5 ngowama-2000, ama-464.1 ngowe-1988 nama-365.7 ngowe-1973!

Unethemba lokuba iimvula zalo nyaka ziya kulingana ne-1005.8 mm elafunyanwa kwiminyaka engama-60 eyadlulayo ngowe-1951.

Iqela likamasipala elijongene nokongiwa kwamanzi liza kuhlalanga ngomhla wama-20 kuJanuwari ukuze lihl' amahlongwane phezulu iinguqu zakutshanje. Okwangoku, kubonakala ngathi isigaba sokuqala seraph lokonga amanzi assize kutshintshwa.

IKAMVA LIZA NEMINGENI EMIKHULU

Ingathi ikamva liza nemingeni emikhulu kuMasipala wase-Overstrand, kodwa le ntlalanga iqile yaligangatha iqulo lempumelelo ebesoloko ijolise kuyo kwiminyaka yayo eli-10 ikho.

Ngenxa yabo bonke ubutyebi ana-bo, lo masipala uye watyala ibhiliyoni yeeRandi ekuphuculeni iziseko zophuhliso kule minyaka eli-10 egqithileyo, ukanti kule minyaka mine igqithileyo

nje qha utyale ngezigidu ezimalunga nama-R740.

Le nkqubo yophuculo ibiyimfuneko emandla njengoko uphengululo lwa-kutshanje lubonise ukuba i-Overstrand isarhuq' emva ngeebhiliyoni ezi-R2,5 kwiziseko zophuhliso. Kwintlanganiselo yeQonga leeNgcebiso lika-Masipala ngoNovemba, kwenziwa isaziso sokuba umasipala uza kuzama



USODOLOPHU UWOTHULEL' UMNQWAZI AMAGOSA EZOMTHETHO

Inkqubo ekudala ikho yase-Overstrand yonyanzeliso lomthetho enobuhlobo kodwa ekwangqingqwa ngethuba leeholide izel' amaduna namathokazi. Ngokutsho koMlawuli weeNkonzo zoKhuseleko, uMnu. uNeville Micheals, eli xesha lidlulileyo liye laba lelona lingakhange libe nazikhwa-silima naxa nje ngokwamagosa onyanzeliso lomthetho ibingengomntu ebekhwile phezu komnye kwiidolophu kunye neelwandle zalo mmandla. Phakathi kwezinye izinto, ngabantu abamalunga nama-25 000 abaye bachitha impelaveki yonyaka omtsha kwiilwandle zethu yaye zingaphezu kwama-3000 yeelitha zotywala eziye zohluthwa (zaphinda zabuyiselwa kubanini bazo emva kotyelelo lwabo lwaselwandle). Akukho mntu uye watshona kulwandle olukulu lweeFlegi eziLuhlaza. Kusuku olwandulela inyibidyal, iziqhushumbisi zokudlala bezisetyenziswa ngendlela efanelekileyo ezindleleni, ukuba sekuhlani kwamagosa omthetho kuye kwafaka isandla ekubeni kubekho ucwango ezindleleni. Kumboniso wethu obubanjwe ngoLwesine umhla wesi-6 kuJanuwari kwiZiko loLuntu lase-Overstrand, usodolophu uNicolette Botha-Guthrie uthe ngxatsho ke kumalungu esiGqeba seeNkonzo zoKhuseleko ngokwenza iintsuku zeholide esiphuma kuzo zibe zezisemagqabini. Uphinde wabamba ngazibini kwamanye amagosa aye aqinisekisa ngokunikezela iinkonzo ezichebelezayo kwinyanga kaDisemba ngomsebenzi wawo onzima.

ukuyilwa le nto kule minyaka ingama-25 izayo.

Kuza kugxininiswa ekuhanjiseni kweenkonzo ezisisiseko kuze kunikwe ingqwalasela kwisibonelelo sikamasipala samanzi nombane, ulawulo lwenkunkuma, izindlu, iindlela, imibhobho yamanzi ezikhukula kunye nolawulo lwezandalo.

Izakhono zabantu isoloko iyeyona nto

ayixabise kunene umasipala yaye akuyi kunikwa ingqwalasela nje kuphela kuphuhliso lwabasebenzi abangamapolisa, kodwa kuba kwakhelwa nakwizakhono zoluntu.

Olunye lophuhliso lokuqala oluza kwenziwa kukwandiswa kwebhunga ngethuba lolonyulo oluzayo lube namalungu angama-25 – neewadi ezili-13 kunye namalungu ali-12 ambaxa.

NGUSOMLOMO OZA KUBA LILISO KWIWADI YESI-3: Ngenxa yolonyulo oluzayo loomasipala, isihlalo esishiywe singenamntu ngenxa yokubeka phantsi iintambo kukaCeba u-Allan Berry siza kuhlala singenamntu kwaye akuzi kubanjwa lonyulo lovalo-zikhewu. Ngalo lonke ixesha leli bhunga likhoyo, uSomlomo, uCeba u-Anton Coetsee, nguye oza kujongana nale wadi futhi axhuzul' imikhala kwiintlanganiselo zekomiti yewadi. Kunokuqhagamshelwana naye kwii-ofisi zikamasipala eStanford. UBerry wazibeka phantsi iintambo kwintlanganiselo yebhunga ngoNovemba. Njengomakhwekhwehwa wegqwetha, lo mfo udla indima ebalulekileyo kwizibheno ezichasene nezigqibo zebhunga. Uza kwenjenjeya ukusuka e-United Kingdom ukuya kusebenza khona.

UMLINGANISELO WEFUTHE LEZOKHENKETHO

UMasipala wase-Overstrand ukhuphe iziphumo zoMlinganiselo zoShishino lwezoKhenketho lwakutshanje ngomhla wesi-2 kuDisemba wama-2010 kwintlanganiselo ebizinyaswe ngababandakanyekayo kolu shishino lwezokhenketho abamalunga nama-90.

Olu phengululo ziinzame zokufumanisa ifuthe lezokhenketho kuqoqosho lwase-Overstrand qho ngonyaka ukuze kubonwe imikhwa kwaneengqu ezithile malunga nefuthe lezoqoqosho kukhenketho.

USodolophu uNicolette Botha-Guthrie uthe olu phengululo luza kusibeka ekukhanyeni ngakumbi luze lusinike amanani esiwafuna ngamandla ngenjongo yokucwangcisa izinto kwaye luza kusinceda sibone ukuba ukhenketho luyakhula okanye luyadodobala kusini na.

Injongo yale ntlanganiso ibikukwenza abangakumbi ababandakanyekayo kolu shishino bathabathe inxaxheba kuphengululo oluzayo.

Phakathi kwezinye izinto olu phengululo ludize uku-

ba iindawo ezininzi zokufikela abantu zifumene iindwendwe ezimbalwa kakhulu ngethuba lobusika bowama-2010 kuba iNdebe yeHlabathi yenze ukuba iindwendwe eziqhelekileyo zingafiki babe nabathandi bebhola ekhatywayo benezabo izicwangciso. Noko ke, inkoliso yamashishini inethemba lokuba ubusika bowama-2011 buza kuba neendwendwe ezingakumbi nanjengokuba ukhuphiswano lweNdebe yeHlabathi lwenze zehla izibilini kwabaninzi malunga nokhuseleko lwezokhenketho eMzantsi Afrika.

Ngokutsho kolu phengululo, eyona ndlela yokuzifaka

ka kwiimarike kumashishini akurhwebo lwezokhenketho 'lilizwi lomlomo' nanjengoko usasazo lwe-elektro-niki okanye iwebhusayithi lusiya lubaluleka kule nkalo. Ii-ofisi zezokhenketho ziye zachongwa njengeendlela eziphambili zokuzifaka kwiimarike kweendawo zokufikela kunye neevenkile zokutyela.

Ukuze ufumane inkcazelo ethe vetshe yaye ubandakanyeke kuphengululo oluzayo, qhagamshelana noMlawuli wezoPhuhliso loQoqosho lwezeKhaya, uMnu. uSolomzi Madikane, kule nombolo: 028 313 8066 okanye kule imeyili ledsec@overstrand.gov.za



ASINAKUHLALA SONKE NA?

Utyelelo olwenziwe ngumhlambi weemfene kulwandle lwasePringle Bay lwenze iindwendwe ezininzi ezize kwiiholidi zaqonda ukuba oorheme aba bayinxalenye ebalulekileyo yendalo e-Overstrand nontsalane omkhulu kubakhenkethi. Ngokutsho komphathi wezendalo e-Overstrand, uLiezl Bezuidenhou, sinako ukuhlalisana ngoxolo neemfene, ezigqogqa amakhaya zifuna into yokutya, ngokugcina iingcango neefestile zitshixiwe xa ungekho endlwini, ngokusebenzisa imigqomo ekhethekileyo elungiselelwe izilwanyana eziyingxaki ukulahla inkunkuma yasekhitshini, sikhuthaza ukuba ungabi namithi yeziqhamo okanye isitiya semifuno kwikhaya lakho, ukuyeka ukuzinika ukutya iimfene okanye ukuzibekela ukutya phandle nokungabeki ukutya kwiitafle zangaphandle kungekho mntu ukujongileyo ngexa uxakekile usenza ezinye endlwini. Musa ukuzama ukuzidubula iimfene okanye ukuzifunza ngezinja. Sebenzisana nabo balawula iimfene uze uqhagamshelane negumbi lolawulo elisebenza iiyure ezingama-24 kule nombolo: 028 313 8111 ukuba ubona iimfene kwikhaya okanye kufuphi nekhaya lakho.



IMINYHADALA YANGOFEBRUWARI

Inzalelwane yaseMzantsi Afrika uZoe Beyers (odlala imfidyoli) sithethanje ukhenketha eli loMzantsi Afrika, yaye ngoLwesibini umhla we-15 kuFebruwari, uza kube ephalekwa nguFrancois du

Toit kuhadi, baza kube becula iingoma zikaBartók, uLudwig van Beethoven, uClaude Debussy, uSergei Prokofiev kwanoPablo de Sarasate. Kanti ngoLwesihlanu umhla wama-25 nangeCawa umhla wama-27, umTaliyane uZappa Mainolfi odlala icello nohadi uza kubuyela apha eHermanus ngokwesicelo. Akukabi-phi: kuba ngentsasa yangoMgqibelo, umhla wama-26, baza kube bebambe iiklasi kunye nabafundi abanomdla! Zibekela iindawo eBellini kule nombolo: 028 312 4988 yaye imibuzo ungayibhekisa kuRené du Plooy apha: 082 940 4238.



IIMEKO ZENDALO EZINGQONGE I-FYNBOS


Kudederhu lokuqala lwamanqaku olungobudlelwane bezinto eziphilayo, uGqr. Neil Fairall ubonise imvelaphi yeemeko zendalo ezingqongela utyani olufumaneka kulo mmandla wethu kuphela.

Ukuba uphos' iliso kwiindawo ekhula kuzo i-fynbos, eyona nto yokuqala etsal' amehlo ziindidi ngeendidi zayo. Inemibala-bala emininzi futhi ishiyene yaye yahlukahlukeneyo ngokumila ukususela emazantsi ukuya phezulu. Ukuba ziindidi ngeendidi yenye indlela ephawuleka ngayo i-fynbos, yaye oku kubangelwa yinkqubo entsonkothileyo yobudlelwane phakathi kwezendalo nemozulu, obutshintshatshintshayo ngokomlinganiselo esiwusebenzisayo. Umhlaba nawo wenza eyawo into, ingakumbi uhlobo lomhlaba, ubunzulu kwakunye nokufuma kwawo. Le nto ikwaphenjelelwa nakukuthambeka, imbonakalo kunye nemozulu.

Umlilo yinto eyindalo neqhelekileyo kwi-fynbos, iye ikhule ngamandla apho

imililo ixhaphake khona ize ingakhuli apho ithintelwa khona. Ngexesha lokuxhaphaka kwemililo, kungakhathaliseki nokuba kusemva kwexesha leemvula okanye lembalela, nokuba loo mililo iza kulandelwa lixesha leemvula okanye yimbalela, nobushushu bomlilo bunegalelo kule ntsebenziswano eyenza ukuba kubekho obu tyani nangaliphi na ixesha.

Leucadendron gandogeri



Ubushushu kunye nomsi womlilo benza iintlobo ezithile ze-fynbos zidubule kwaye ngaphandle kwazo, azinakudubula yaye naloo mbewu ibiya kubola ngokuthe ngcembe ngenxa yobudala okanye ke ityiwe zizinambuzane. Ubushushu bomlilo bubangelwa luhlobo lwento leyo etshayo, ngamany' amazwi unobangela womlilo lowo okanye icala ovela ngakulo njengoko

uvuthelwa ngumoya onamandla.

Ekuhambeni kwexesha, kusenokuvela olunye uhlobo. Ngenxa yoko, iintlobo ezincinane ezikhulu ngaphantsi iba zezokuqala ukudubula nokukhula kodwa ziyanyamalala kamva xa elo tyholo lizisitha ngomthunzi walo omininzi. Izithole ezincinane ezingaphantsi komhlaba zikhula kuphela emva komlilo kwaye azidubuli xa elo tyholo lilidala kwaye lishinyene.

Enye into ephembelela ukuvela kwesityalo kukuba umphezulu wetyholo unazo zombini iintlobo ezibulawa ngumililo nezisasazwa ngokudubula nezinye eziphuma kwizithole ezivelisa iingcambu namagqabi kwiziqu zazo (rhizomes) ezisinda emililweni.

Xa uziqwalasela zonke ezi zinto uze ubale iindlela ezahlukahlukeneyo ezinokudityaniswa ngazo, iyacaca into



Erica fastigiata

yokuba isityalo i-fynbos iza kuhlala ishintsha lonke ixesha, ukanti iza kuhlala iseyiyo kwimimandla emikhulu. Umlinganiselo ezenzeka ngayo ezi zinto nezithaba eziphakathi kwezi ziganeko zezona zinto zibalulekileyo kule meko.

Ukuba umlilo utshisa ithafa elikhulu, uvutha ngokungafaniyo ngenxa yokwahlukahlukeneyo kwezityalo namandla awahlukahlukeneyo omililo. Le nto ke idala ukuba kubekho izibhaxu ezithile zelo thafa ezingatshanga, eziya kuthi xa kuphinda kusibakho umlilo, zibe nezinto ezingakumbi ezitshayo, nto leyo eya kudala umlilo omkhulu nococeke ngakumbi. Kutsho ke kuphele loo yantlukwano kangangexesha elide lize nelo thafa lifane, phofu ke lisenokutshintsha nangaliphi na ixesha.

Xa ndiphinda ndibuya kwakhona, ndiza kuzama ukucacisa indlela ezi mpawu ze-fynbos ezisetyenziswa ngayo kulawulo lwamathafa nesizathu sokuba ukulawula iindawo ezincinane kunzima kangaka.

VERKIES U DIÉ NUUSBRIEF IN 'N ANDER AMPTELIKE TAAL? SMS u rekeningnommer met A vir Afrikaans na 082 338 1631

DO YOU PREFER THIS NEWSLETTER IN ANOTHER OFFICIAL LANGUAGE? SMS your account number with E for English to 082 338 1631



0800 701 701